NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2017

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA II
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER II

Ixesha: 2½ Iiyure | Amanqaku: 100

IMIYALELO

1. Eli phepha linamaphepha ali-10.
2. Eli phepha linamacandelo amabini (u-A no-B).
   - Icandelo A: Inoveli
   - Icandelo B: Imihlathana emide nemihlathana emifutshane
3. Kwicandelo B – Bhala umhlathana omde omnye; nomhlathana omnye omfutshane.
4. Imibuzo mayiphendulwe ngesiXhosa.
5. Umthamo wempendulo yakho mawukhokelwe ngamanqaku owanikiweyo.
6. Bhala isivakalisi esipheleleyo xa umbuzo ufuna oko.
7. Abaviwa baya kohlwayelwa ukungasebenzisi kakuhle ulwimi.

IEB Copyright © 2017

ICANDELO A INOVELI: *UMQOL' UPHANDLE* – M. A. P. NGANI

UMBUZO 1

1.1 Funda le mihlathana uze uphendule imibuzo elandelayo.

> Akungekholwa xa ndisithi ndisuke kuKomani kusasanje – ngeenyawo. Ihambo enjalo andisoze ndiyilibale, ukuthi sendiphiphiphi ndicholwe yimoto, ibe indilahle esithubeni; ndiphinde ndithwabule kwangeenyawo; kuthi sendikhathule umgama omde, ndiphinde ndicholwe yenye.
> "Ndenze leyo ke ndada ndaza kufika kweli. INkosi inabantu bayo ngamaxesha onke. Seyinga inganabo bantu bathe bandinceda kule hambo yale ntsasa."
> "Wafikela kweli sikizi lomtshana wakho," uthe makayikhokele uHlobo ingekade imke kakhulu nomba weNkosi enabantu bayo ngamaxesha onke.
> "Ndirhole into entsha ukothuka ndakufika kweli Monti. Ndifike le nto ingundaba mlonyeni. Ndaqonda ukuba ufile ngokwenene uEddie.
> "Bendingathini ukungothuki? Ndingathini ukushiywa sesokugqibela isizalwana? Wena ubungayimela into enjalo? Ndikufungis' umfi, ubungasoze … Nithi ngokwenene undishiyile uEddie? UEddie wam wentanda? Ukuba nje ndingamazi lowo umbuleleyo …!
> "Ewe, ubulewe, leyo ayithandabuzeki. Bamgebengile! Bamxhelile!! Obunjalo bona ubugebenga!!! ... Ndincede, mhlekazi, ndifunele umenzi wobo bubi. Nceda mna kuphela torho. Eso sigebenga masixhonywe! Masixhonywe, kungabikho nosini!! Ewe, masi-."

1.1.1 Ngoobani aba bancokolayo kwesi sicatshulwa? (2)

1.1.2 Yintoni ebangela ukuba lo mama abesemapoliseni? (2)

1.1.3 Xela igama ledolophu asuka kuyo lo mama uthetha apha. (1)

1.1.4 Uyintoni lo mama ku-Eddie? (1)

1.1.5 Ngokwasebalini lo mama ukrokrela (*suspect*) ukuba ngubani obulele uEddie? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.6 Ngubani inenekazi elisweleke lihamba noEddie? (1)

IEB Copyright © 2017

1.2

Kwincwadana eyayiyiphethe, yayijonge nje imifanekiso, nakuloo mifanekiso kungekho nto ingako ibukwayo. Iingcinga zomntwana zaziphiphiphi, enamaxesha okushukumisa imilebe njengomntu kanye othetha yedwa. Lona uncumo lwaluhleli luhleli.
Emva kwethuba, intwazan' enkulu ithe krwaqu iwotshi yayo yesihlahla yancuma. Ithe ilugqiba nje olo ncumo lwayo luhle, yazolula phezu kweso situlo simfumamfuma, yatshotshobela ngakumnxeba weendaba owawukwalapho ngakuyo.
Ichukumise iqoshana, yalijikelezisa, yaya kwelinye, yalijikelezisa, nakwelinye, yalijikelezisa. Yandula ke ukuwubeka endlebeni umqheba wokuphulaphula, yalinda. Livakele linkenteza ilizwi ukuvela kwelinye icala lomnxeba.
YayinguEddie ngenkqu, kanye lowo wayefunwa.
"Andiqhuli kanti, Eddie" utshilo uLinda, ilizwi selijike lalelomntu ongaqhuli ngokwenene. Wayesitsho ke emva kokuba ekhe watshayelela ngeendatyana ezingephi, iindaba zothando.

1.2.1 Yintoni ebangela ukuba le nzwakazi iyijonge nje incwadi eyifundayo? (1)

1.2.2 Ngubani le nzwakazi kuthethwa ngayo apha? (1)

1.2.3 Kutheni bengavani aba bantu bancokolayo? (1)

1.2.4 Chaza isizathu sokuba uLinda angahambi noEddie ukuya eRio. (1)

1.2.5 Ingaba uEddie unomsindo ngokwenene/nyhani? Xhasa impendulo yakho. (2)
[15]

UMBUZO 2

2.1 **Abalinganiswa:**

Khetha impendulo elungileyo kwizibiyeli.

2.1.1 (uLulama, uLinda, uLiziwe) linenekazi lodumo laseMonti. (1)

2.1.2 (uMaKheswa, uNksz Hobe, uNksz Maga) ngumakazi kaEddie ohlala kuKomani. (1)

2.1.3 UNobhala kaHlobo ngu (Linda, Liziwe, Lulama). (1)

2.1.4 Umcuphi owaziwayo ngu (Sajini Ngqondi, Kapteni Ntshinga, Hlobo). (1)

2.1.5 (UDuma, UMdoda, USipho) ngumphathi waseRio. (1)

2.1.6 Ongene ezihlangwini zikaEddie eMoonglow ngu- (Vuyie, Duma, Mdoda). (1)

2.1.7 Umfana osebenzela uLinda ngu (Sipho Bumba, Duma Hlelo, Eddie Maga). (1)

2.2 **Isimo sentlalo**

Injani intlalo yabantu abahlala eDankeni naseZiphunzana? (5)

2.3 **Isimo somntu**

Ucinga ukuba uLulama ngumntu onjani? Bhekiselela kwincoko yakhe noEddie phambi kokuba baye eRio. (3)

[15]

UMBUZO 3 INCOKO

Bhala incoko ibe ngamagama ali-**120** ubude.

3.1 UnguDick wenza uphando ngokusweleka kukaEddie. Uncokola noJoe (Sipho Bumba).

Nyathela kwezi ngongoma:

- Ukugxekwa kweMoonglow Night Club ngu Joe.
- Ubuhlobo bukaJoe no Eddie.
- Ukungena kwenenekazi kwibhanyabhanya/kumboniso bhanyabhanya "uNongqawuse".
- Imoto eyokuma esingeni nokubonwe nguDick kweso singa.

[10]

OKANYE

IEB Copyright © 2017

3.2 Bhala incoko phakathi kukaLinda namanxila kwaMakheswa.

Nyathela kwezi ngongoma:

- Ukothuka kukaMaKheswa akuva umntu enkqonkqoza.
- Ufuna ntoni uLinda? Kutheni?
- Amanxila anika uLinda eziphi iindaba?
- ULinda uzithatha njani ezi ndaba?
- Icebo alifumene kumanxila kuba eqala ukusela utywala.

[10]

UMBUZO 4 ISINCOKO

Bhala ***isincoko*** esingamagama ali **180–200** ubude.

4.1 Bhala ngeziganeko ezenzeka kweli bali, sebenzisa ezi ngongoma ukukuncedisa kwisincoko sakho:

- Ubusuku uDick wayeseMoonglow.
- Utyelelo lukaDick kwaLinda neziganeko ezenzekileyo.
- Ubungqina obufunyenwe nguDick obujolise kuLinda.
- UDick eAll-Safe Bank.
- Imini yokubanjwa kwequmrhu laseMoonglow.

[20]

OKANYE

4.2 Enkundleni

Bhala phantsi ubungqina obunikwe ngumntu ngamnye enkundleni kwaba bantu balandelayo:

- Ugqirha.
- Ipolisa.
- UDuma.
- UBumba.
- UHlobo.
- UMdoda.

[20]

60 amanqaku

IEB Copyright © 2017

ICANDELO B

UMBUZO 5 IMIHLATHANA EMIDE

Khetha *ileta* ibe NYE kwezi zilandelayo. Ileta yakho kufuneka ibe ngamagama ali-150 kuya kuma-200 ubude.

5.1 Ileta yobuhlobo

Bhalela umhlobo wakho ileta, ummemele kumnyhadala womculo wemvumi eyaziwayo/ethandwayo ***uJustin Bieber*** oza kuba seGoli naseKapa.

[30]

OKANYE

5.2 Ileta yoburhulumente

Abafundi besikolo sakho bathatha imifanekiso yabanye abafundi baze bathumele imiyalezo engalunganga kwi-Intanethi. Bhalela inqununu yesikolo sakho uyixelele ngokwenzekayo. Xela izinto ezinokwenziwa ukunqanda le nto.

[30]

IEB Copyright © 2017

OKANYE

5.3 **Ileta yobuhlobo**

Bhalela umhlobo wakho umbalisele ngokwenzeke eGabon kwibhola ekhatywayo.

Nyathela kwezi ngongoma:

- Amalungiselelo okuya eGabon.
- Amazwe ebedlala kolu khuphiswano.
- Amazwe agoduke kwamsinyane.
- Izinto ebenizenza ukuzonwabisa estadiyamu.
- Ilizwe eliphumeleleyo.

[30]

OKANYE

5.4 **Ileta yoburhulumente**

Kwindawo ohlala kuyo kudlwengulwe amadoda amabini, athe xa esiya emapoliseni asuka amapolisa awahleka. Bhalela umphathi sitishi (*station commander*) umxelele ngokwenziwe ngalo mapolisa.

OKANYE

Kwindawo ohlala kuyo kuyaqhekezwa, kudlwengulwe abantwana abancinci. Bhalela umphathi wamapolisa umcele ukuba angenelele njengoko amapolisa esoloko engafumaneki xa efowunelwa.

[30]

IEB Copyright © 2017

UMBUZO 6 UMHLATHANA OMFUTSHANE

Kule mihlathana, khetha umhlathana ube mnye. Umhlathana wakho kufuneka ube ngamagama ali 120–150 ubude. Bhala *i-imeyile* okanye *intetho* okanye *iRivyu*.

6.1 I-imeyile

Bhalela utitshala wakho i-imeyile, umbulele ngokukufundisa isiXhosa.



OKANYE

6.2 Intetho

UnguLinda unobuhle owaziwayo waseMonti, ucelwe ukuba wenze intetho kwisikolo owawufunda kuso. Lumkisa abantwana ngobundlobongela obenzeka apho esikolweni ngenxa yokusetyenziswa kweziyobisi.

[10]

OKANYE

6.3 **I-Rivyu**

Ininzi into eyenzekileyo kunyaka ophelileyo kwezopolitiko. Yenza iRivyu ngezi ziganeko zenzeke kunyaka ophelileyo.

Ungakhetha zibe mbini kwezi zilandelayo:

- Ingxelo kaThuli Madonsela.
- Ivoti yoomasipala.
- U#*Fees Must Fall.*

[10]

40 amanqaku

Amanqaku ewonke: 100

IEB Copyright © 2017